VAKALISA ULUVO LWAKHO

IKomiti yeMicimbi yeSebe yezaBasebenzi imema abantu abanomdla kunye nabo bachaphazelekayo ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo malunga nemithetho emithathu esayilwayo, nalapho iinjongo zomthetho oyilwayo ngamnye zichazwe apha ngezantsi:

UMTHETHO OYILWAYO WOWONA MVUZO UPHANTSI ONGAHLAWULWA WESIZWE [B 31 - 2017]

Ukubonelela ngokuqingqwa kowona mvuzo uphantsi ongahlawulwa kuzwelonke; ukumisela iKomishoni yoWona Mvuzo uPhantsi ongaHlawulwa yeSizwe; ukubonelela ngenani lamalungu kunye nemisebenzi yeKomishoni yoWona Mvuzo uPhantsi ongaHlawulwa yeSizwe; ukubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kunye nokuhlenga-hlengiswa rhoqo ngonyaka kowona mvuzo uphantsi ongahlawulwa; ukubonelela ngokuxolelwa ekubeni uhlawule owona mvuzo uphantsi ongahlawulwa kuzwelonke; ukubonelela ngezibonelelo zethutyana ngokubhekiselele kubasebenzi basezifama kunye nabancedisi emakhaya; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEEMEKO ZENGQESHO EZISISISEKO [B 30 - 2017]

Ukufakela izihlomelo kuMthetho weeMeko zeNgqesho ezisiSiseko, wowe-1997, ukuze kube nokushenxiswa ze kufakelwe iinkcazo ezithile endaweni yezinye kunye nokufakelwa kwezithile; ukubonelela ngokuhlawulwa kwemivuzo yamihla le esebenza kubasebenzi abathile kuphela; ukutshitshisa izibonelelo ezijongene nokumiselwa kweyona mivuzo iphantsi engahlawulwa kumacandelo engqesho kunye neKomishoni yeeMeko zeNgqesho; ukunabisa amagunya eKomishoni yoXolelwaniso noLamlo; ukunabisa izibonelelo zomhloli wezabasebenzi zokubeka esweni kunye nokunyanzelisa ukuze ziquke ukunyanzelisa izibonelelo zoMthetho woWona Mvuzo uPhantsi ongaHlawulwa weSizwe, wowama-2017, zoMthetho weInshorensi yaBalahlekelwe nguMsebenzi kunye nezoMthetho waMagalelo kwi-Inshorensi yaBalahlekelwe nguMsebenzi; ukubonelela ngamabango okuhlawulwa nganeno kokufanelekileyo; ukubonelela ngamalungiselelo ethutyana okulawula eyona mivuzo iphantsi engahlawulwa kwicandelo lengqesho esebenzayo ngokwakalokunje kunye nokuqinisa inkqubo yokubonisana ngeemeko zengqesho phakathi kwabaqeshi nabasebenzi ngokubhekiselele kumacandelo engqesho alawulwa zezo zivumelwano zokuqingqwa kowona mvuzo uphantsi ongahlawulwa kuwo; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEZOBUDLELWANE BABASEBENZI [B 32 - 2017]

Ukufakela izihlomelo kuMthetho wezoBudlelwane baBasebenzi, wowe1995, ukuze

kube nokubonelelwa uMphathiswa ngemiqathango phambi kokuba uMphathiswa anyanzeleke ukuba anabise isivumelwano phakathi kwabaqeshi nabasebenzi njengoko kucetywa kulo Mthetho; ukubonelela ngokuvuselelwa kunye nokunatyiswa kwezivumelwano ezinxulumene nenkxaso-mali; ukubonelela ngoqhankqalazo lwexesha elimiselweyo lwabasebenzi ngokwesivumelwano phakathi kwabaqeshi nabasebenzi okanye ngokokugqiba kweKomishoni yoXolelwaniso noLamlo ngokwemimiselo yoqhankqalazo lwabasebenzi lwexesha elimiselweyo; ukubonelela ngokuhlelwa kweyona nkonzo ingephi iphunyeziweyo okanye iqingqiweyo; ukunabisa intsingiselo yokuvota ngebhalothi ukuze iquke nakuphi na ukuvota okwenziwa ngamalungu okushicilelwa ngasese; ukubonelela ngokuzimela kombhalisi kunye nosekela-mbhalisi; ukubonelela ngokutyunjwa kwegqiza lolamlo; ukubonelela ngobukho begqiza lolamlo elicebisayo; ukubonelela ngesigwebo solamlo sokucebisa kunye nemiba enxulumene nesigwebo solamlo; ukubonelela ngezibonelelo zethutyana; kunye nokulungiselela imiba enxulumene noko.

Imibuzo, kunye neziphakamiso ezibhaliweyo, zingabhekiswa **kwiKomiti yeMicimbi yeSebe yezaBasebenzi (ifundwe ngu: Mnu Zolani Sakasa)**, Parliament of RSA, P.O. Box 15, Cape Town, 8000 okanye ithunyelwe ngeimeyile ku **zsakasa@parliament.gov.za.**

Ngaphandle kweziphakamiso ezibhaliweyo, nceda ubonakalise ukuba unomdla wokunika ingcaciso yomlomo kwiKomiti.

Usuku lokuvala lweziphakamiso ezibhaliweyo nguLwesihlanu, umhla we-16 kweyoKwindla 2018 ngentsimbi ye-16:30.

Iikopi zale miThetho iYilwayo zingafunyanwa ku**Mnu Zolani Sakasa** kule nombolo yomnxeba: **021 403 3735**, yeselfowni: **083 709 8488** okanye kule webhusayithi **www.parliament.gov.za.**

Sikhutshwe ngu: Nks FS Loliwe, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti yeMicimbi yeSebe yezaBasebenzi.